

Ifayili: 23/2/8/1/NTA2026  
Isalathiso: 20260130-198

INGcaciso eMfutshane yeCape Teaching and Leadership Institute: 0002/2026

Iya: kuMasekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (abakuNdlunkulu nabakwiifisi zezithili), kwiiNtloko zamacandelwana kunye nezamacandelo, kuNdlunkulu: kwiNkxaso yeKharityhulam, kwiiNtloko: kwezoLawulo noRhulumentu, kwiiNtloko: zoQulunqo neeNgebiso ngeSLES, kuBaphathi beeSekethi, kuBacebisi beZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente, kwiiNtloko zeziza zeBanga R, kwanakooSihlalo bamaqumrhu olawulo kwizikolo zikarhulumente

### Umba: Amabhaso oKufundisa kaZwelonke ka2026

1. Amabhaso oKufundisa kaZwelonke (iiNTA) anakana ukugqwesa kwakunye nomgangatho ophakamileyo wokuziphatha emsebenzini, yaye anika ikhono lokufundisa ithuba lokubhiyozela iinzuzo zabahlohlili abagqwesileyo ngokuthi aqaqambise umsebenzi wabo onkqenqeza emagqabini.
2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) liyazingca ngokuza kwanokusindleka umjikelo wama26 wamabhaso ephondo abanjwa minyaka le. Umsitho wamabhaso ephondo uya kubanjwa ngomhla wama**28 kuAgasti ka2026**, kuba umsitho wamabhaso kazwelonke umiselwe umhla woku01 kuOktobha ka2026.
3. Uhlobo lwezobuchwepheshe *IweSikhokelo soKuchonga* seeNTA, esiqulethe iifomu zokuchonga kwakunye namakhabathiso okuba selungelweni, ziqhotyoshelwe futhi ziyafumaneka apha: <https://wcedonline.westerncape.gov.za/national-teaching-awards> nceda ke uqonde ukuba akukho zikopi ziprintiweyo ziya kunikezelwa ezikolweni; izikolo kufuneka zizifumanele ezi mpepha zichaphazelekayo.
4. Bonke abahlohlili, amaqumrhu olawulo kunye namagosa ezithili ayamenywa ukuba angenise abachongwa, ngokuselelwe kumakhabathiso e*Sikhokelo soKuchonga*, kwiiNqununu zaaz okanye kubaphathi bamaziko.
5. Abahlohlili abanelungelo bangathi batyunjwe kula makabathiso ali15 alandelayo:
  - Ukugqwesa ekufundiseni iBanga R

- Ukugqwesa eKufundiseni kwiSikolo samaBanga aPhantsi (kumaBanga 1–7)
- Ukugqwesa eKukhokeleni kwiSikolo samaBanga aPhantsi
- Ukugqwesa eKufundiseni kwiSikolo samaBanga aPhakamileyo (kumaBanga 8–12)
- Ukugqwesa eKukhokeleni kwiSikolo samaBanga aPhakamileyo
- Ukugqwesa eKufundiseni kwiMfundo eBandakanyayo
- Excellence eKukhokeleni kwiMfundo eBandakanyayo
- Ukugqwesa eKufundiseni iMathematika (kwiGET)
- Ukugqwesa eKufundiseni iMathematika (kwiFET)
- Ukugqwesa eKufundiseni iiNzululwazi zeNdalo
- Ukugqwesa ekufundiseni iiNzululwazi zeziPhathekayo
- Ukugqwesa eKufundiseni iZakhono zoBomi (kumaBanga 1–6)
- Ukugqwesa eKufundiseni iTeknoloji – uKufundisa noKufunda oKuvuselelweyo
- IWonga loyena Titshala uGqwese kuZwelonke
- IWonga leNzuzo yoBomi bukaKader Asmal

## 6. Amakhabathiso okuba selungelweni

- 6.1 IWCED inqwenela ukugaya umdla wabo bonke abathi bachongwe kumakhabathiso okuba selungelweni ngokwemigaqo yomhlathi 7(a–k) kumakhasi 25–26 eSikhokelo soKuchonga seeNTA.
- 6.2 Abachongwa kwiiNTA kufuneka bamelane nezi zidingo zamava zilandelayo:
- Ubuncinci ibe yiminyaka emibini kwikhono lokufundisa kunye/okanye ubuncinci ibe yiminyaka emibini esebenza kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo okanye kwiziko leMfundo yeeNtsatshana elikuMzantsi Afrika; okanye
  - Ubuncinci ibe yiminyaka emibini kwindima yokukhokela njengenxalenye yeQela loLawulo eSikolweni.
- 6.3 Imiqatathango yebakala lemfundo ebandakanyayo
- Ibakala “loKugqwesa eKufundiseni kwiMfundo eBandakanyayo”:** ngabahlohi abafundisa **kwizikolo zikarhulumente zabafundi abanezidingo ezizodwa kuphela abanokungenela.**
  - Ibakala “loKugqwesa eKukhokelweni kwiMfundo eBandakanyayo”:** ziinqununu kunye namasekela eenqununu **ezikwizikolo zikarhulumente zabafundi abanezidingo ezizodwa kuphela abanokungenela.**
  - Nceda uye kumhlathi 7(l–m) kwikhasi 26 leSikhokelo soKuchonga seeNTA ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe.
- 6.4 Abachongwa bayacelwa ukuba baziqhelanise namakhabathiso kwakunye nenkqubo yokugweba.
7. Amaqela, aqulethe abahlohi abahlanu ubuninzi kwiqela ngalinye kwikhabathiso ngalinye, nawo angangenela.

8. **Izikhokelo zenkuthazo kwabo bachongayo (izidingo ezintsha)**
- 8.1 Isikhuthazo esibhalwe phantsi
- (a) Isikhuthazo, esimele ukuchwethezwa ze singeniswe njengoxwebhu oluzihambelayo, kufuneka sixhonywe njengenqalenywe yengeniso lochongo.
  - (b) Isikhuthazo asinakho ukudlula kumagama angama.
- 8.2 Isikhuthazo kufuneka siqwalasele ezi nkalo ngokucacileyo nangokufutshane:
- 8.2.1 Inkqubo yokufundisa ephume emagqabini kwakunye nefuthe kubafundi
- (a) Chaza ukuba wenzeni na umchongwa le ibonakalisa ngokucacileyo inkqubo ephume emagqabini yokufundisa kwakunye nempucuko yentsebenzo yomfundi ebonakalisekayo nesekelwe kubungqina.
  - (b) Qaqambisa oku kulandelayo: ukunikezelwa kwekharithyulam, ukucwaba isifundo, iindlela ezintsha zokwenza, iinzuzo zabafundi okanye iinkqubo zovavanyo.
- 8.2.2 Igalelo ngaphesheya kwegumbi lokufundisa ngaphandle kwegumbi lokufundisa kwakunye nesikhokelo
- (a) Cacisa indlela umchongwa abe negalelo ngayo ngaphakathi kwegumbi lokufundisa nangaphandle, kuquka naziphi na iindima zokukhokela, amalinge okanye uxanduva olubonakalisa ukuzinikela ekuphuculeni.
  - (b) Qaqambisa oku kulandelayo: ukuzibandakanya kwiikomiti, izikhundla zokukhokela, ukubumba izakhono, uxanduva olungaphandle kwegumbi lokufundisa okanye lwegumrhu ngokubanzi.
- 8.2.3 Imigqaliselo, ukuziphatha ngokwemigomo yekhono kwakunye nefuthe kuluntu
- (a) Yalathia indlela umchongwa abe negalelo ngayo ekwenzeni ngokwekhono, ukuzimisela kunye nemigqaliselo ekhuthaza oogxa bakhe, abafundi kunye noluntu ngokubanzi.
  - (b) Qaqambisa oku kulandelayo: ukuziphatha ngokomzekelo omhle, ukusebenza ngokuzinikela, intsebenziswano, ukuhlangana namahlakani okanye ukuzibandakanya noluntu.

9. **Ukungeniswa kwabachongwa**

- 9.1 Umhla wokuvalwa kwamangeniso azo zonke iifomu zokuchonga kwiCandelo: iCape Teaching and Leadership Institute (iCTLI) ngowe**15 kuMeyi ka2026**.
- 9.2 Iinqununu kunye namaqela okuchonga ezikolo ayacelwa ukuba axhome iifomu ezigcwalisiweyo zokuchonga ndawonye namaxwebhu axhasayoapha: [nomination link](#)
- 9.3 Iifomu zokuchonga zenziwe kuhle ze zathatyathwa njengezicuthiweyo ngenjongo yokunika abahlohli abongezelekileyo ithuba lokuchongwa kula mabhaso anqwenelekayo.

- 9.4 Abachongwa kulindeleke ukuba bafumabe imvume yabazali ekusetyenzisweni kweefoto zabafundi kunye/okanye nemiboniso ebhanyabhanya kwiintetho zabo. Nceda uqinisekise imvume kwifomu kaGoogle xa uxhoma iifomu zokuchonga.
- 9.5 Nceda uye **kwiSihlomo A kwanakuluhlu emalugwalaselwe kwikhasi 2** ukuze ufikelele kwiinkcukacha zokungeniswa kweefomu zokuchonga kwakunye nenkqubo elandelwayo ekugwebeni.
10. **Inkqubo yokugweba neyodliwandondlebe**
- 10.1 Ekukhethweni kwabaphumeleleyo kumanqanaba esithili, elephondo kunye nelikazwelonke, kuya kulindeleka ukuba abachongwa bafake intetho eyenziwe ngoPowerPoint kwikhabathiso eliphangaleleyo kunye nelichanekileyo, apho kuqaqanjiswa khona umsebenzi wabo omele ukuqwalaselwa kula mabhaso anqwenelekayo. Le ntetho ke iya kusetyenziselwa ukufumana abaphumelele kwinqanaba lesithili, elephondo kunye nelikazwelonke.
- 10.2 Kwinqanaba lesithili, abagqatswa abafakwe kuluhlu olufutshane baya kwenza olwabo udlwanondlebe ngokuthi beze bona buqu kwiofisi yesithili okanye njengoko iya kutsho umququzeleli wesithili.
- 10.3 Kumjikelo wenqanaba lephondo lokugweba, abaphumelele kwinqanaba lesithili baya kwenza udlwanondlebe lwabo ngokuthi baze bona buqu eCTLI, eKuis River.
11. Abaphumelele nabalandele emva kwabaphumeleleyo kwinqanaba lesithili ndawonye nabaphumelele kwinqanaba lephondo baya kufumana amabhaso amiselwe yiWCED.
12. Le mihla ilandelayo isebenza njengeenqobo ezibalulekileyo kwinkqubo ka2026:

Intshukumo	Umhla/imihla esebenzayo
Uhla wokuvalwa kochongo	<b>15 kuMeyi ka2026</b>
Inkqubo yokugweba kwizithili	<b>26 kuMeyi – 05 kuJuni ka2026</b>
Ubhengezo lwabaphumelele nabalandela abaphumelele <b>(Imihla yokunikezelwa kwamabhaso ezithili Duya kumiselwa ngabaququzeleli bezithili)</b>	<b>12 kuJuni – 10 kuJulayi ka2026</b>
Inkqubo yokugweba kwiphondo: Amakhabathiso okufundisa; kunye Namakhabathiso okukhokela nawabucala	<b>28 – 30 kuJulayi ka2026</b> <b>04 – 06 kuAgasti ka2026</b>
Umsitho wamabhaso kwiphondo	<b>28 kuAgasti ka2026</b>
Inkqubo yokugweba kwiphondo	<b>14 – 18 kuSeptemba ka2026</b>

13. Ukuba kuthi kuvezele Isidingo seenkcukacha ezongezelekileyo, nceda uqhakamshelane nomququzeleli wesithili esichaphazelekayo njengoko bedwelisiwe ngezantsi apha:

ISthili	UMququzeleli wesithili	Inombolo yomnxeba	Idilesi yeimeyili
<b>kwiMetro ekuMantla</b>	NguNksz Kaydy Cheng	021 938 3174	<a href="mailto:kaydy.cheng@westerncape.gov.za">kaydy.cheng@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiMetro ekuMbindi</b>	NguMnu Tristan Brikkels	021 514 6906	<a href="mailto:tristan.brikkels@westerncape.gov.za">tristan.brikkels@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiMetro ekuMazantsi</b>	NguNksz Genine Erfort	021 374 4107	<a href="mailto:genine.erfort@westerncape.gov.za">genine.erfort@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiMetro ekwiMpuma</b>	NguNksz Craig Paulsen	021 900 7035	<a href="mailto:craig.paulsen@westerncape.gov.za">craig.paulsen@westerncape.gov.za</a>
<b>kuNxweme olukwiNtshona</b>	NguNksz Janine Adonis	021 860 1208	<a href="mailto:janine.adonis@westerncape.gov.za">janine.adonis@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiCape Winelands</b>	NguMnu Elton-John du Plessis	023 348 4682	<a href="mailto:elton-john.duplessis@westerncape.gov.za">elton-john.duplessis@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiOverberg</b>	NguMnu Deon Achilles	028 214 7300	<a href="mailto:deon.achilles@westerncape.gov.za">deon.achilles@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiEden nakwiKaroo ekuMbindi</b>	NguMnu Errol Meiring	044 803 8344	<a href="mailto:errol.meiring@westerncape.gov.za">errol.meiring@westerncape.gov.za</a>
<b>kwiOfisi yePhondo (iCTLI)</b>	NguNksz Tamaryn Petersen	021 900 5039/ 40	<a href="mailto:provincialnta@wced.info">provincialnta@wced.info</a>

14. IiNTA zixhaswa nguMpathiswa weMfundo kwiPhondom iNtloko yeMfundo, iimanyano kunye nemibutho yamaqumrhu olawulo.
15. Onke amalungu oluntu lwezikol ayakhuthazwa ukuba achonge abahlolhi abanelungelo kwiiNTA.
16. Nceda wazise bonke abasebenzi abahlolhlayo ngomongo wale ngcaciso imfutshane.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE:** KWEZOLAWULO LWEKHARITYHULAM NEEMVAVANYO

**UMHLA:** 2026-04-17